

# ISIGABA SESINE: INGXELO YONYAKA MALI

## WEPHONDO LENTSHONA KAPA

### ISEBE LOKHUSELEKO LOLUNTU

#### IVOTE 4

## INGXELO YABAPHATHI

### yonyaka ophele ngomhla wama 31 Matshi 2004

Ingxelo yabaPhathi	35
Ingxelo yoMphicothi Zincwani Jikelele	38
iNkqubo yoCwangcिसomali noku Mayela noko	41
Amanqaku Kwinkcazo	43
Amanqaku Kwinkcazo Yolwabiwo Lwemali Ngokufanelekileyo	47
Inkcazo (Inkcazo Yentsebenzo Yemali)	48
Iphepha Lomncono	49
Inkcazo Yotshintsho Kwintsalela Yezinto Esinazo	50
Inkcazo Yehambo Yemali	51
Amanqaku ngenkcazomali	52
ISihlomelo 1	60
ISihlomelo 2	61
ISihlomelo 3	61
ISihlomelo 4	62
ISihlomelo 5	63

## WEPHONDO LENTSHONA KAPA

### ISEBE LOKHUSELEKO LOLUNTU

#### IVOTI 4

Ingxelo yabaPhathi  
yonyaka ophele ngomhla wama 31 Matshi 2004

Ingxelo yeGosa loCwangciso-Mali eya kuGunyaziwe weziPhatha-Mandla kunye nePalamente yePhondo leNtshona Koloni.

#### 1. Ugxeko-ncomo ngemeko yemicimbi yemali jikelele:

Isabelo sokuqala esisixa esiyi R140 443 000 sonyaka-mali u 2003/2004 songezelelwa nge R887 000 kulungelelwaniso lwezi-qikelelo, oku kwandisa uqingqo-mali lulonke lwaya kutsho kwi R141 330 000. Esiabelo simiselwe ngevoti sancedisela ekuboneleleni ukothulwa kweenkonzo yiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, ubuchule bokuthintela ulwaphulo-mthetho kunye nokudala umthamo wokwenza kuboNgameli babaPhathi bezendlela.

Imisebenzi yokwabelana kwabaphantsi ngamagunya eyamkelwa liSebe kunyaka ophelileyo yaqiniswa. Ulawulo lwetsheyini lokunikezwa kwemali laqiniswa kuba lenza inxeny yobume obacetyiswayo beGosa eliyiNtloko yezeMali. Ulawulo lwemali bubonakala kwinkcitho-ngaphantsi ye 0,1% esekwimida esekwe yi PFMA. Isebe libenengeniso enyukileyo engange - R1 435 000. Ingeniso eqingqiweyo ibiyi R367 000 yaze nayo yahlenga-hlengiselwa kwi - R967 000 kuLungelelaniso lwezi-Qikelelo, kodwa ligqithisile nalapho. Elona galelo likhulu kwingeniso yeSebe livele kwiindawo zokuhlala noqeqesho.

Eyona nto beligqalise kuyo iSebe ibelulwaphulo-mthetho kwaye nemifuziselo yenkcitho kule micimbi ibonakala cacileyo kutshintshelo lweentlawulo. IBambanani Campaign kunye ne Safest Festive Season in a Decade Campaign eyiyeyona misebenzi eyakha yaba yimpumelelo kunciphiso lwaphulo-mthetho, zingumqondiso ocacileyo wegalelo elenziwa liSebe ekudaleni iimeko ezivumayo kwamanye amasebe. Isetyana lokunyanzeliswa koMthetho wezendlela ligxininise kwintsebenzo kwaye ukuqashwa kwabasebenzi abongezelelekileyo kubenegalelo kwizinga lokwenyuka kweendleko zabaqeshwa. Nale, ibe yimali esetyenziswe kakuhle, kuba sizuze ukuncitshiswa kokufa kwabantu.

#### 2. IiNkonzo ezinikezelwe liSebe

##### 2.1 Isebe linikezela ngezi nkonzo zilandelayo

###### Inkqubo 1: uLawulo

Le nkqubo ilungiselela i-Ofisi yoMphathiswa wePhondo (iNkqubo engaphantsi 1) kunye neeNkonzo zabaPhathi neNkxaso (iNkqubo engaphantsi 2) ebandakanya ezemali, abaQeshwa noLawulo. Lo ngowona mbindi wequmrhu oxhasa onke amasetyana ombutho.

###### Inkqubo 2: OoNobhala bePhondo kuKhuseleko noKhuselelo

Le nkqubo ibandakanya iCivilian Oversight (inkqubo engaphantsi 1) ejongene nokuhluzwa kokuthulwa kweenkonzo yiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika neeNgcebiso ngoMgaqo-inkqubo (inkqubo engaphantsi 2) ecalula ingqokelelo-manani olwaphulo mthetho nezothutho ize iqwebe ubuchule bokulungiselela ukhuseleko lonyaka ngamnye kwePhondo

###### Inkqubo 3: INkuthazo yoKhuseleko

Le nkqubo ijongene neziphindi zamandla ezinjenge ngobuPolisa bukaMasipala nooNogada bobuMmelwane (Inkqubo-ngaphantsi 1 – iNkxaso ekuSebenzeni), iinkqubo zokuthintela ulwaphulo mthetho ekuhlaleni (iNkqubo-ngaphantsi 2 – uThintelo Lwaphulo mthetho ekuhlaleni) nonyanzeliso lomthetho wezendlela osebenzayo nose-tyenziswa ngempumelelo (Inkqubo-ngaphantsi 3 – uLawulo lwezeNdlela).

##### 2.2 Umgaqo-inkqubo woLuhlu lwamaxabiso

Isebe linencwadi ekubhalwe kuyo uLuhlu lwamaXabiso engeniso apho onke amaxabiso ashicilelwe khona. Lo mgaqo-inkqubo wakhutshwa njengoMyalelo weMali weSebe kwaye ujongwe lisetyana loLawulo lwangaPhakathi. Onke amaxabiso bephantsi kogxeko-ncomo kulo nyaka.

##### 2.3 Iinkonzo zasimahla

Isebe linikeza iinkonzo zezendlela kwiPhondo lonke kodwa izohlwayo eziqokelelweyo zihlawulwa kooMasipala. Oku kungathathwa njengeenkonzo ezisimahla.

##### 2.4 Uluhlu lweempahla

Nangona iSebe lizama ukuthobela yonke imimiselo yocwangciso-mali ngokunxulumene nokuphathwa kwetsheyini lokunikezela kwezinto, iye yakwazi ukwenza uluhlu lwezinto ezikhoyo kuphela, ukuhlola uluhlu lweempahla ezishi-yekileyo nokugcina ubungqina obubhaliweyo bazo. Eminye imicimbi engaphezu kwaleyo efana nokukhutshwa kweziqinisekiso nokudityaniswa kwamaxabiso emali nezinto eziselugcinweni ayikwazanga kugqitywa.

**3. Inkcitho-mali ngaphezulu/ngaphantsi**

Inkcitho yonyaka iyonke iyekutsho kwi R141 187 000 emele inkcitho engaphantsi ngemali eyiR143 000 okanye i 0,1%. Akukho zigqithiselo kunyaka-mali olandelayo eziceliweyo.

**4. Ukuqhwalala kwicala labasebenzi**

Izithuba ebekucetywe ukuba zizaliswe azizaliswanga zonke kulonyaka-mali. Esona sizathu singamandla soku yinkqubo yokwabela abaphantsi amagunya kwiinkonzo zeSebe kunye nophando olumiselweyo kulomba. Incwadi yeSebe ekubhalwa kuyo uluhlu lwezinto (irejista) ayisetyenziswa ngokupheleleyo kwaye inkqubo yeLogis yenziwa ukuba mayisebenze ngoNovemba 2003. Ukulawulwa kwezinto kusahoyiwe licandelo looNondyebo.

**5. Ukusetyenziswa kweemali ezivela kubalizi**

Isebe alikhange lifumane malizo amali kwesisigaba sexesha kuxoxwa ngaso.

**6. Izigqeba zorhwebo/ izigqeba zikawonke wonke**

Isebe alinazigqeba zorhwebo okanye zikawonke-wonke ezinika ingxelo kulo.

**7. Eminye imibutho ekuye kwagqithiselwa iintlawulo kuyo**

Uluntu luyaphuhlisa luxhotyiswe ngolwazi lokuchonga, lwazise kwaye lulawule amaphulo othintelo lwaphulo mthetho. Uluntu lunakho ukufaka kwiSebe izicelo zemali yokusungula amaphulo kwiindawo oluhlala kuzo. Sakuba sifunyenwe isicelo, siyavavanywa ngokwemiqathango ebekiweyo kuze kuthi ukuba sibonwa sifanelekile, sivunye. Ukugqithiswa kwemali kwenzeka kuphela kusakuba kutyikitywe isivumelwano ngokusesikweni. Ezi zivumelwano zikwamisa ilungelo leSebe lokuqwalasela nayiphina inkcitho yephulo. Le yamva ke yenziwa rhoqo.

Imibutho ekugqithiselwa kuyo iintlawulo liSebe zizigqeba ze Community Police Forum, iWestern Cape Chrysalis Trust, iPeace and Development Project kunye neminye imiButho engeyokaRhulumente (Non-Government Organisations).

**8. Ubuhlakani bukaWonke-wonke/babuCala**

Isebe alikhange libenamahlakani kawonke-wonke/abucala kulonyaka-mali ka 2003/2004.

**9. Izicwangciso zolawulo lwequmrhu**

Isebe lilugqibile uvavanyo lomngcipheko lwayo lwesibini kwaye izakuhlaziya amaLungiselelo othintelo lobuQhinga zakube ezinye iimvavanyo, zihlanganise noPhicotho langaPhakathi, zigqityiwe. Umngcipheko noLawulo lokuThotyelwa (Ulawulo lwangaPhakathi) lwenza iimvavanyo rhoqo ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemimiselo. Iintlanganiso zabaphathi zibanjwa rhoqo apho kugxininiswa kulawulo lwentsebenzo ukuqinisekisa ukuba iinjongo zifizekiswa ngexesha kwaye zikwimida yohlahlo-mali. Ingxelo ngotshintsho kwintsalela yempahla/izabelo ezingenzala ezimiseliweyo iyavisisana noCwangciso-mali lokoNgezelelela. Lengxelo ke ngoko ibonakalisa kuphela iintsalela ezingoonothi kwaye ngenxa yoko iSebe khange liyingenise lo ngxelo.

**10. Imisebenzi eyekiweyo/eza kuyekwa**

Akukhange kubekho misebenzi iyekwayo kulonyaka-mali ka 2003/2004.

**11. Imisebenzi emitsha/ecetywayo**

Ngonyaka-mali ka2004/2005 indawo ephambili ekuzakujongiswa kuyo liSebe izakumisela njengeziko umbono-luvo weBambanani. Umongo weBambanani ugcinwe/ufakwe kwimithetho-siseko yeBatho Pele apho kusoloko kuthetha-thethwana noluntu malunga neenkonzo zeSebe. Ngale njongo iimali sele zabelwe kwiMedium Term Expenditure Framework (MTEF). Isebe lizakuqinisekisa kwakhona ngokongezwa kokuqengqeleka kweeNkonzo zeNdlela kwimida yemvulophu yemali eyivunyelweyo.

**12. Izehlo emva komhla wokunikwa kwengxelo**

Amalungiselelo ayenziwa kunikezela iPhilippi Training College kwiSAPS. Akubangakho ezinye izehlo eziye zenzeka emva komhla wengxelo.

**13. Inkqubo yophuculo kuLawulo lweMali**


Kulo nyaka uphantsi kwengxoxo lisebe lihohe onke amasoloty akwiPublic Finance Management uMthetho, No. 1 ka 1999 ukuqinisekisa nokuthotyelwa kwawo ngaphezu koko. Ukuhlolwa neemvavanyo zemali zenziwe rhoqo ukuqinisekisa uku-thotyelwa, ukwalathwa kweemfuno zoqeqesho nokuqinisekisa ukuba amanyathelo okulungisa ayenziwa. UkuPhendula ngeMali nako kuye kwasiwa iliso ngokumiselwa kwamagosa njengabaPhathi boXanduva lweeNkqubo neeNkqubo ezinga-Phantsi. Lilonke inani loosomaqhuzu kwiCandelo lezeMali yi 35 yezithuba ezivunyelweyo.

**14. Iinkcukacha ngokwenziwa kwemisebenzi**

Isebe, ngokweMimiselo yezooNondyebo kuZwelonke 5.2 lenza ingxelo ngekota kuGunyaziwe weziPhathamandla ngentsebenzo yenkqubo nenkqubo-ngaphantsi nganye. Le nkcukacha ibandakanya inkqubela-phambili eyenziweyo kwinjongo nganye njengoko kusekiwe kumalungiselelo abubuqili onyaka. Inkcukacha ngohlahlo-mali nayo ichazwa ngolu hlobo.

**Ulwamkelo**

Igosa loCwangciso-mali lizivumile ezi ngxelo-mali zonyaka zifakiweyo.



**MC Joshua**  
Igosa loCwangciso-mali  
31 Meyi 2004

**IpHepha eLilandulayo:** Olu xwebhu lophicotho, luxwebhu olugququlweyo oluyikopi yoxwebhu lophicotho olwatyikitywa lwaza lwamkelwa, kwaye I-Ofisi yoMphicothi-Jikelele ayinakubekwa butyala xa kuthe kwafumaniseka ukuba akuguqulwanga ngokuchanekileyo xa bekuguqulwa.



AUDITOR - GENERAL

## INGXELO YOMPHICOTHI JIKELELE EYENZELWE INDLU YOWISO-MTHETHO YEPHONDO LENTSHONA KOLONI MALUNGA NEENKCAZO-MALI ZESEBE LEZOKHUSELO LOLUNTU (IVOTI 4) YONYAKA-MALI OPHELE NGOMHLA WAMA 31 MATSHI 2004

### 1. UMSEBENZI WOPHICOTHO-ZINCWADI

Iinkcazo-mali ezibonakaliswe kumaphepha 4 ukuya ku28, zonyaka ophele ngomhla wama31 Matshi 2004 ziphicothiwe ngokomqathango wecandelo 188 woMgaqo-Siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka 1996), ofundwa namaCandelo u 3 no 5 woMthetho wezoPhicotho Jikelele, 1995 (uMthetho 12 ka 1995). Ezi nkcazo-mali, ukugcinwa kwamanyathelo olawulo olunempumelelo nokuthotyelwa kwemithetho nemimiselo engqamene nayo ziluxanduva lwe-Gosa lezoCwangciso-mali. Olwam uxanduva kukuvakalisa uluvo kwezi nkcazo-mali, ngokusekelwe koluPhicotho-ncwadi.

### 2. UHLOBO NEMIHLABA

Uphicotho-zincwadi luqhutywe ngokweNkcazo zemiGangatho yezoPhicotho-ncwadi yoMzantsi Afrika. Loo migangatho ifuna ukuba ndicwangcise ndenze uphicotho ngenjongo zokuqinisekisa ukuba iinkcazo zemali ezi azinaziphene zinazo.

Uphicotho-ncwadi lubandakanya:

- Ukuhlola, ngokusekelwe kuvavanyo, ubungqina obuxhasa izixa-mali nokudizwayo, okubonise kwinkcazo-mali,
- ukuvavanya imithetho-siseko yezocwangciso-mali ezisetyenzisiweyo kunye neengqikelelo ezibalulekileyo ezenziwe ziziPhathamandla, kunye
- nokuvavanywa ngokubanzi kwendlela ebekwe ngayo inkcazo-mali.

Kananjalo, uphicotho-ncwadi lubandakanya olujoliswe ekufumaneni ubungqina bokuba ithotyelwe, kuzo zonke iinkalo, imithetho nemigaqo echaphazelekayo endithe ndayiveliselwa kwimicimbi yemali.

Ndiyakholelwa ukuba olu phicotho lulubonakalisa ngokupheleleyo uluvo lwam.

### 3. ULUVO NGOPHICOTHO-NCWADI

Ngokolwam uluvo, ezi nkcazo-mali zibonakalisa kakuhle, kuzo zonke iinkalo, imeko yezemali zeSebe ngomhla wama 31 March 2004 kwaye neziphumo zemisebenzi zalo neendlela zokuhamba kwemali ngalo nyaka uphele ngalo mhla zingqamene nenkqubo emisweyo yocwangciso-mali njengoko kufunwa nguMthetho woLawulo lwezeMali zikaWonke-wonke, 1999 (PFMA) (uMthetho 1 ka 1999).

### 4. UGXININISO LOMBA

Ngaphandle kokucacisa olu luvo-ngophicotho luvakaliswe ngentla, ingqwalaselo iyacelwa kule miba ilandelayo:

#### 4.1 Izinqinisekiso zemali-mboleko yezindlu: R928 000 [Inqaku 20 ne iSihlomo 4 kwinkcazo-mali]

Izinqinisekiso zemali-mboleko yezindlu ezikhutshwe ukususela ekuyilweni kwePFMA azigunyaziswanga kakuhle. Oku kungenxa yokusilela kwabathunywa abavunye ngokusesikweni, kuba amagunya anikwa u MEC wezemali ngokwemiqathango yecandelo 66(2)(b) ye PFMA, awazange acalulelwe amasebe amaphondo.

#### 4.2 Ulawulo lweempahla

Noxa irejista yenkqubo yolungiselelo yenkcazo isetyenzisiwe kwi-ofisi engundlunkulu yeSebe kulo nyaka-mali uphantsi kogxeko-ncomo, iziphene ezithile zibonisiwe kwaye iSebe lisasebenzisa irejista ebhalwa ngesandla ukulawula iimpahla zayo ezinokuhanjiswa. Kodwa ke, ngenxa yemithetho-siseko nemimiselo yolawulo esilelayo, akukho nanye yezi rejista enenkcazo efunekayo ukuqinisekisa ukubakho nokuphelela kweempahla.

### 4.3 Uluhlu lweempahla

Njengoko sekuxelwe kulo nyaka uphelileyo kananjalo nakumhlathi 2.4 wengxelo yabaphathi, ayikho irejista eqinisekisa ixabiso lezinto eziselugcinweni kwaye akukho ntsalela yoluhlu lweempahla ngomhla wama 31 March 2004 echaziweyo kwingxelo yabaphathi, njengoko kumiselwe ngoNondyabo bakaZwelonke, ngenxa yokungabikho komthetho-siseko osesikweni malunga nolawulo jikelele lweendawo zogcino-mpahla (izitora). Iintengo zendawo yocino-mpahla enyakeni zibandakanywe phantsi koluhlu lwezinto exabise isixa esiya R7 420 000 (2003: R5 837 000) njengoko kuchaziwe kwinqaku 4.1 lenkcazo-mali.

### 4.4 Inkcitho-mali yabasebenzi: R68 380 000 [Inqaku 3 lenkcazo - mali]

Kufunyaniswe umahluko wesixa esingangqamaniyo esiya R458 044 phakathi kwenkcitho-mali yabasebenzi yalonyaka ngokwe nkqubo ye PERSAL (R68 838 189) neNkqubo yoLawulo lwezeMali (R68 380 145) ngomhla wama 31 March 2004. Inkqubo nemiqathango emiselweyo yokuqinisekisa ukuba inkcitho iyangqinelana qho ngenyanga ngokwezinkqubo ayikhange isetyenziswe kulo nyaka uphantsi kogxeko-ncomo.

### 4.5 Amancedo abasebenzi: Amalungelo ekhefu: R7 675 000 [Inqaku 23 lenkcazo-mali]

Ixabiso lamalungelo ekhefu njengoko kuchaziwe kweli nqaku libandakanywe ngasentla belisekelwe kwingxelo ye PERSAL. Nanjengoko lenkqubo ingaluboneleli uhlolo lokuqinisekisa kokubasemthethweni kwenkukacha zengxelo kwaye akuzange kwenziwe nohlolo oluzimeleyo, lengxelo ibandakanye ikhefu eselixhuzuliwe labasebenzi abaphinda baqeshwa nathe ekurhoxeni kwabo, balahlekelwa lilungelo labo lokuhlulwula intsalela yeli khefu. Ukuchaneka nqo kwale ngxelo nesixa esichaziweyo akunakho ukuqinisekiswa ubunyani.

### 4.6 Uphicotho-ncwadi lwanga phakathi

Ngenxa yokusilela kokubanakho ukwenza kwabongamele ezophicotho-ncwadi lwangaphakathi kwiphondo, kwenziwe lwalunye kuphela uphicotho-ncwadi kulo nyaka-mali uphantsi kogxeko-ncomo, obelugxininise ekwaneleni komthetho-siseko wekhefu lokugula ngokubhekiselele ekunikeni ingxelo, ukushicilelwa nokuqwalasela kwalo. Imimiselo elandelweyo nemi-vuka yayo ayizange inanzwe ngexa kusenziwa uphicotho-ncwadi lwangaphandle ngenxa yemo esililelayo yalo msebenzi ungentla.

### 4.7 Ukuphatha okubi: Philippi Training College

Izityholo ezininzi zokuphatha okubi kwi Philippi Training College, ezavezela ingqalelo yeNtloko yeSebe ligosa elikuleK-holeji, zavezela nengqalelo yaleOfisi. Ngexesha lokulandelwa kwezi zityholo kwavela ukuba uninzi lwazo zaphandwa zanikezelwa kwiNtloko yeKholeji licandelo labahloli beSebe ngo Agasti 2003 no May 2004. Kodwa ke, uphicotho ludize ukuba uninzi lweziphene lusekhona. Oku kubonisa ukusilela kolawulo kwimisebenzi emininzi eyahlukeneyo yeKholeji kunye nenyano yokuba azizange zilandelwe ngokwaneleyo.

Le miba ibandakanya, phakathi kwezinye, oku kulandelayo:

- lincwadi zengxelo zezehlo ezingabhalwanga ngokupheleleyo zahlolwa rhoqo;
- Ukusetyenziswa kweemoto zikaRhulumente okungagunyaziswanga;
- Umonakalo kwiimoto zikaRhulumente awulandelwa;
- Ilahleko yefenishala nezixhobo zokusebenza ezisuka eGene Louw College;
- Ukusilela kolawulo lwezitora (izandlalo neengubo); kunye
- Nokusilela kolawulo ekuqokelelweni kweentlawulo zendawo zokuhlala nezezifundo.

### 4.8 Uvavanyo lomngcipheko necebo lo thintelo buqhinga

NgokoMmiselo wezoNoondyabo 3.2.1, iGosa loCwangciso kufuneka liqinisekise ukuba uvavanyo lweengozi nomngcipheko lwenziwa rhoqo ukuze kwalathwe iimngcipheko evelayo kwiSebe. Ubuqili bokuhlangabezana nokuzifaka emngciphekweni, emayibandakanye amalungiselelo othintelo lobuqhinga, mayisetyenziselwe ukukhombisa iinzame zophicotho-ncwadi lwangaphakathi nongxamiseko, nokubonakalisa ubuchule obudingekayo kubaphathi nabasebenzi ukuphucula imisebenzi yolawulo nokuphathwa kwezi ngozi.

Uvandlakanyo lwengozi lwenziwa ngophicotho-ncwadi lwangaphakathi ngoMarch 2001. Kude kube namhla akukho luvandlakanyo lwengozi olwenziweyo. Ngenxa yoku, kuphela sisicwangciso sothintelo buqhinga esisayilwayo esikhoyo.

### 4.9 Iziphene kulawulo lwangaphakathi

Ngexesha lophicotho-ncwadi, iziphene zolawulo lwangaphakathi ezibandakanya imihlaba emininzi yolawulo lwemali yeSebe, zalathwa zaze zachazwa kwiGosa loCwangciso-mali. Ezi ziphene kulawulo zabangwa mhlawumbi kuku silela kwemithetho-siseko nemigaqo-nkqubo okanye ukungalandeli kwabasebenzi abanxulumene nayo imithetho siseko nemigaqo-nkqubo eyathathwayo.



#### 4.10 Izehlo zasemva kwephepha leentsalela: Ukuthatyathwa kweKholeji yoQeqesho yase Philippi ziiNkonzo zamaPolisa Omzantsi Afrika (SAPS)

Ikholeji yoQeqesho yase Philippi eyasekwa liSebe ngo May 2001 yathathwa yi SAPS ukususela kumhla we 1 July 2004. Imisebenzi yeSebe kule Kholeji yaze ngenxa yalonto yathuthelwa kumhlaba wesikolo ose Brackenfell, noxa ayenziwe amalungiselelo okuqhubeka nokunikezela kweendawo zokuhlala ezimbalwa kwiPhondo ukuya kutsho kumhla wama 31 December 2004.

Ngethuba bekubhalwa lengxelo, ukudluliswa ngokusesikweni kwalo mhlaba ukuya kwi SAPS, kwakunye nokugqibezela kweSebe izibophelelo zalo ngokwezivumelwano nokumiswa kwexabiso lembuyekezo neminye imiba enxulumene noko, bezisaphethwe liSebe lezoThutho neMisebenzi laseNtshona Koloni.

#### 5. UMBULELO

Uncedo olunikezwe ngabasebenzi beSebe ngexesha lolu Phicotho-ncwadi lubulelwa ngokungazenzisiyo.

#### D.A. van Huyssteen

Endaweni yoMphicothi-ncwadi Jikele

Bellville

30 Julayi 2004

#### iNkqubo yoCwangecisomali noku Mayela noko kunyaka ophela nge 31 Matshi 2004

Iinkcazo zemali zilungiswe ngokwezopolisi zilandelayo, zona bezisetyenziswa qho kwiimeko zonke ezibalulekileyo ngaphandle kuxelwe ngolunye uhlobo. Kodwa ke xa kufanelekile kubalulekile, ulwazi olongezekileyo luveziwe ukunyusa izinga lomsebenzi wenkcazo mali nokungqinelana neemfuno zasemthethweni zoMthetho weziMali zikaWonke wonke, uMthetho 1 ka 1999 (olungiswe ngoMthetho 29 ka 1999), iMimiselo yoVimba weMali eyenzelwe amaSebe namaZiko aSekiweyo ikhutshwe ngoko Mthetho noMthetho wokwaHlula iMali, uMthetho 7 ka 2003.

#### 1. Isiseko solungiselelo

Iinkcazo zemali zilungiswe ngokwesiseko esitsha seenkozo kucalulo mali, ngaphandle kwalapho kuchazweokunye. Esisiseko sitsha seenkozo siqulethe ucalulo mali ngokwesiseko seenkozo ezikhoyo nokuveza okongezelelekileyo. Uniko lwengxelo lukutshintsho lokuxela ucalulo mali ngokwesiseko seenkozo ezikhoyo lutshintshelwa kwengxelo yocalulo mali ngokwesiseko seenkozo ezinokufumaneka. Phantsi kocalulo mali kwisiseko seenkozo ezikhoyo, izenzo nezinye izigigaba ziboniswa xa imali ifunyenwe okanye ihlawulwe. Phantsi kocalulo mali kwisiseko semali enokufumaneka izenzo nezigigaba ziboniswa xa zenzekile ingekuba imali ifunyenwe okanye ihlawulwe.

#### 2. Ingeniso

Imali ezivotelweyo zimali ezabelwe isebe ngoko hlahlo lwabiwo mali lokugqibela olwaziwa ngokuba Luqikelelo Olulungisweyo lweNkcitho yoPhondo. Imali evotelweyo engachithwanga iyanikezelwa ngonyaka kwiNgxowa yeNgeniso yoPhondo. Inzala nesahlulo esifunyenweyo siboniswa kwimali ezifunyenweyo kwaye akukho okungafunyanwayo kwinzala nesahlulo ukususela kusuku lokugqibela lokufumana ukuya ekupheleni kwexesha lengxelo. Ziboniswa njenge mali kwinkcazo zemali yesebe kwakhona yathunyelwa kwiNgxowa Mali yoPhondo.

#### 3. Inkcitho yemihla nezolo

Inkcitho yemihla nezolo iboniswa kwinkcazo yengeniso xa intlawulo yenziwe.

#### 4. Inkcitho engenagunya, engesosigxina, engenasiqhamo nenobuvuvu

Inkcitho engenagunya yi:

- ndleko engaphezulu yevoti okanye icandelo elibalulekileyo evotini, okanye
- yinkcitho engenziwanga ngokwesizathu sevoti okanye, kwicandelo elibalulekileyo ngokwesizathu esingesiso esecandelo elibalulekileyo.

Inkcitho engenagunya ibonwa njenge zinto ezikhoyo kwiphepha elibonisa umncono de le nkcitho ibe nokubuyiswa ngomnye okanye ihlawulwe yimali evotelwe kwixesha elizayo.

Inkcitho engesosigxina ithetha inkcitho engagunyaziswanga, eyenzeke kulwaphulo, okanye ingekho kwimfuno yawo nawuphi umthetho, ekukho phakathi kwayo:

- UMthetho oLawula iMali kaWonke wonke,
- UMthetho weBhodi yokuThendarisha kaRhulumente, okanye nawuphi ummiselo ngokwalo mthetho, okanye
- nakuphi okomthetho wephondo okungenkqubo zokuthenga kurhulumente wephondo.

Inkcitho engesosigxina iboniswa njengenkcitho kwinkcazo yengeniso.

Inkcitho engenaziqhamo nebubuvuvu, ithetha inkcitho eyenziwa kungekho sizathu, engeyayi phetshiwe ukuba kwakwe nziwe ngenkathalo. Inkcitho engenaziqhamo nebubuvuvu, ifanele ibuyiswe ligosa elenze oku (i- akhawunti yonetyala mayiphakanyiswe), okanye ivoti, ukuba oku akwazeki. Iboniswa njenge zinto ezikhoyo kwiphepha elibonisa umncono, de le nkcitho ibuyiswe ligosa elenze oku okanye imali ivele kwivoti ezayo.

#### 5. Amatyala acinyiweyo

Amatyala aye acinywe xa kucaca ukuba akanakuzi akwazi ukuhlawuleka. Ukucima amatyala kuxhomekeke kwimali yesebe engasebenzanga. Akukho lulungiselelo lwemali ezingenakuhlawuleka.

#### 6. Utyalo mali

Utyalo mali lwexesha elide, olungabandakanyi izibambiso ezithengisekayo luboniswa ngendleko kuze uhlengahlengiswe kuphela xa ngokokubona kwabongameli utyalo olo luqhwaalela

Kuchitho lotyalo mali umahluko phakathi kokufunyenwe ekuchitheni nemali yokuthwala ibizwa okanye idityaniswa kwinkcazo yengeniso.



**7. Okungafunyanwayo**

Okungafunyanwayo ngokwesiqhelo kubonwa phantsi kweenkondo kucalulo mali. Kodwa ke okungafunyanwayo kwiphepha elibonisa umncono kuvela kwintlawulo ngenkondo ezinoku buyekeza ngomnye .

Okungafunyanwayo ngeenkondo ezinikiweyo ayibonwa kwiphepha elibonisa umncono njengempahla ekhoyo okanye njenge ngeniso kwinkcazo yengeniso, njengoko inkcazo yemali ilungiswa ngokwenkondo kucalulo mali, kodwa ivezwa yodwa njenge nxalenye yamanqaku avezwayo ukunyusa izinga lokusebenza kwinkcazo yemali.

**8. Okungahlawulwayo**

Okungahlawulwayo ngokwesiqhelo kuboniswa ngaphantsi kwenkondo kucalulo mali. Kodwa ke okungahlawulwayo kwiphepha elibonisa umncono kuvela kwimali efunyenweyo emele iye kwiNgxowa mali yeNgeniso yePhondo okanye omnye.

**9. Iimbophelelo zokuqeshisa**

Iimbophelelo zokuqeshisa zexesha elishiyekileyo ukusukela kumhla wocalulo mali de ibe kukuphela kwekontra yokuqeshisa zivezwa njenge nxalenye yeqaku lokuveza kwinkcazo yemali. Ezi mbophelelo aziboniswa kwiphepha elibonisa umncono njengetyala okanye inkcitho kwinkcazo yengeniso njengokuba inkcazo yemali ilungiswa ngokwenkondo kucalulo mali.

**10. Okongezelekileyo**

Le mali imele izinto/iinkondo ezinikeziweyo, kodwa akukho phepha lichaza oko livela kumniki ukuphela konyaka, OKANYE iphepha elichazayo lifunyenwe kodwa akuhlalulwanga ukuphela konyaka. Le mali ayiboniswa kwiphepha lomncono njenge-tyala okanye inkcitho kwinkcazo yengeniso njengoko inkcazo yemali ilungiswa ngokwenkondo kucalulo mali, kodwa zivezwa ngokwenxalenye yamanqaku avezwayo.

**11. Okufunyanwa ngabasebenzi**

**Okufunyanwa ngabasebenzi kwithutyana**

Indleko yoko kufunyanwa ngabasebenzi iyinkcitho kwinkcazo yengeniso ngethuba lengxelo xa intlawulo yenziwe. Okufunyanwa ngabasebenzi kwithutyana okunika unyanzeliso lwasethethweni nolwakhayo, lubekelwa bucala, de lube lulinganiswa ngenyani lube yinkcitho. Iinkcukacha yoku kufunyanwayo namatyala anokubakho, avezwa njengenqaku lokuveza kwinkcazo yemali kwaye aziboniswa kwinkcazo mali.

**Okufunyanwa ngokunqunyanyiswa**

Okufunyanwa ngokunqunyanyiswa kuboniswa njengencitho kuphela xa intlawulo yenziwe.

**Okufunyanwa ngomhlala phantsi**

Isebe linikeza okufunyanwa ngomhlala phantsi kubasebenzi balo njengoko kuxelwa kwisicwangciso sokufunyanwayo ngabasebenzi baka rhulumente. Oku kufunyanwayo kuxhaswa ngemali yimirhumo yabaqeshi nabasebenzi. Imirhumo yabaqeshi ibonakala iyinkcitho xa imali ihlawulwe engxoweni. Akukho malungiselelo enziweyo ngokufunyanwa ngomhlala phantsi kwinkcazo yemali yesebe. Amatyala anokwenzeka avezwa kwinkcazo yemali kwiNgxowa yeMali yePhondo ingeyiyo inkcazo yemali yesebe lomqeshi.

**Oku kufunyanwa ngokugula**

Isebe linikeza okufunyanwa ngokugula The department provides medical benefits for (kwabathile/kubo bonke) abasebenzi njengoko kuxelwa kwisicwangciso sokufunyanwayo. Oku kufunyanwayo kuxhaswa ngemali yimirhumo yabaqeshi nabasebenzi. Imirhumo yabaqeshi kule ngxowa ibonakala iyinkcitho xa imali ihlawulwe engxoweni. Akukho malungiselelo enziweyo ngokufunyanwa ngokugula kwinkcazo yemali yesebe.

Okufunyanwa ngokugula ekwaluphaleni ngabantu bomhlala phantsi kwakuba yinkcitho xa kuhlawulwe kwinxowa mali.

**12. Ingeniso ebuyisekayo**

Imali engabuyiswayo ibonisa intlawulo ezenziweyo neziboniswa yinkcazo yemali njenge nkcitho kwiminyaka edluleyo kuba kungasetyenzwanga ngokwesigqibo, ekungoku ingabuyiswa ngotyalyo. ukuhlawulwa kwakhona kukhutshelwa kwiNgxowa yeMali njengangoko okanye xa intlawulo kwakhona ifunyanwa.

**13. Amanani athelekiswayo**

Xa kuyimfuneko amanani angathelekiswayo alungelelanisiwe ukungqinelana notshintsho oluboniswa kulo nyaka. Amanani athelekiswayo abonisiwe kwinkcazo yemali kuphela ngamanani abonisiwe kwinkcazo mali ephotonongweyo yonyaka ophelileyo namanye amanani athelekiswayo anokubakho ngcono kwisebe ukunika ingxelo.

**INKCAZO YOKUBEKA IMALI NGOKUFANELEKILEYO** kunyaka ophela nge 31 Matshi 2004

Inkqubo	2003/04					2002/03		
	Ukubeka okuhlengahlengisi wevo	Exulwe kwenye	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona nkcitho	Uqoqosho / (okungasebenzanao) ugqithiso	Inkcitho ngokwe % yolwabiwo oluhlaziweyo	Ulwabiwo oluhlaziweyo	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000		R'000	R'000
<b>I. Ulawulo</b>								
Esetyenziswayo	18 577	(987)	17 590	17 543	47	99.73%	13 305	13 214
Njengenkunzi	1 149	115	1 264	1 263	1	99.92%	879	891
<b>2. Oonobhala bePhondo kuKhuseleko</b>								
Esetyenziswayo	16 712	(597)	16 115	16 075	40	99.75%	14 883	14 798
Njengenkunzi	256	86	342	341	1	99.71%	488	488
<b>3. Ukukhuthazwa kokhuseleko</b>								
Esetyenziswayo	98 692	1 101	99 793	99 742	51	99.95%	75 732	75 655
Njengenkunzi	5 944	282	6 226	6 223	3	99.95%	13 672	13 705
<b>Iyonke</b>	<b>141 330</b>	<b>0.00</b>	<b>141 330</b>	<b>141 187</b>	<b>143</b>	<b>99.90%</b>	<b>118 959</b>	<b>118 751</b>
<b>Ukulungelelanisa neNkcazo yeNgeniso Dibanisa: Enye ingeniso</b>			1 435				335	
<b>Awona maxabiso ngokweNkcazo yeNgeniso</b>			142 765	141 187			119 294	751

Ukulela ngokwezooqosho	2003/04					2002/03		
	Ukubeka okuhlengahlengisi wevo	Exulwe kwenye	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona nkcitho	Uqoqosho (ugqithiso)	Inkcitho ngokwe % yolwabiwo oluhlaziweyo	Ulwabiwo oluhlaziweyo	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000		R'000	R'000
<b>I. Esetyenziswayo</b>								
Abasebenzi	72 917	(4 452)	68 465	68 380	85	99.88%	52 959	52 891
Iintlawulo zikaRhulumente	25 569	3 152	28 721	28 685	36	99.87%	19 745	19 729
Okunye	35 495	817	36 312	36 295	17	99.95%	31 216	31 013
<b>2. Njengenkunzi</b>								
Iintlawulo zikaRhulumente	0	0	0	0	0	0.00%	11 465	11 465
Ukufunyanwa kwezinto ezinkulu	7 349	483	7 832	7 827	5	99.94%	3 574	3 653
<b>Iyonke</b>	<b>141 330</b>	<b>0.00</b>	<b>141 330</b>	<b>141 187</b>	<b>143</b>	<b>99.90%</b>	<b>118 959</b>	<b>118 751</b>

Uhlelo lwento eqingqiweyo	2003/04					2002/03		
	Ukubeka okuhlengahlengisi wevo	Exulwe kwenye	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona nkcitho	Uqoqosho (ugqithiso)	Inkcitho ngokwe % yolwabiwo oluhlaziweyo	Ulwabiwo oluhlaziweyo	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000		R'000	R'000
Abasebenzi	72 917	(4 452)	68 465	68 380	85	99.88%	52 959	52 891
Ulawulo	18 708	(382)	18 326	18 323	3	99.98%	17 439	17 426
Okuselugcinweni	5 981	1 443	7 424	7 420	4	99.95%	5 933	5 837
Izixhobo zokusebenza	8 748	203	8 951	8 943	8	99.91%	4 344	4 330
Umlaba nezaKhiwo	19	20	39	38	1	97.44%	15	15
Iinkonzo zobungcali nezizodwa	8 649	237	8 886	8 882	4	99.95%	6 751	6 742
Iintlawulo zikaRhulumente	25 569	3 152	28 721	28 685	36	99.87%	31 210	31 194
Ezinye izinto	739	(599)	140	138	2	98.57%	308	293
Imisebenzi eyodwa	0	378	378	378	0	100.00%	0	23
<b>Iyonke</b>	<b>141 330</b>	<b>0.00</b>	<b>141 330</b>	<b>141 187</b>	<b>143</b>	<b>99.90%</b>	<b>118 959</b>	<b>118 751</b>



**INKCUKACHA NGENKQUBO 1: ULAWULO** kunyaka ophela nge 31 Matshi 2004

Inkqubo yenkqutyana	2003/04					2002/03		
	Ukubeka okuhlangahl-engisi wevo	Exulwe kwenye	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona nkcitho	Uqoqosho (ugqithiso)	Inkcitho ngokwe % yolwabiwo oluhlaziweyo	Ulwabiwo oluhlaziweyo	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000		R'000	R'000
<b>I.1 Iofisi yePhondo</b>								
Esetyenziswayo	2 927	(22)	2 905	2 903	2	99.93%	2 580	2 524
Njengenkunzi	48	(31)	17	16	1	94.12%	24	24
<b>I.2 Ulawulo Nenxaso</b>								
Esetyenziswayo	15 650	(965)	14 685	14 641	44	99.70%	10 744	10 689
Njengenkunzi	1 101	146	1 247	1 246	1	99.92%	836	868
<b>Iyonke</b>	<b>19 726</b>	<b>(872)</b>	<b>18 854</b>	<b>18 806</b>	<b>48</b>	<b>99.75%</b>	<b>14 184</b>	<b>14 105</b>

Ukuhlela ngokwezqoqosho	2003/04					2002/03		
	Ukubeka okuhlangahl-engisi wevo	Exulwe kwenye	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona nkcitho	Uqoqosho (ugqithiso)	Inkcitho ngokwe % yolwabiwo oluhlaziweyo	Ulwabiwo oluhlaziweyo	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000		R'000	R'000
<b>I. Esetyenziswayo</b>								
Abasebenzi	12 572	(1 017)	11 555	11 512	43	99.63%	9 676	9 642
Okunye	6 005	30	6 035	6 031	4	99.93%	3 629	3 572
<b>2. Njengenkunzi</b>								
Ukufunyanwa kwezinto ezinkulu	1 149	115	1 264	1 263	1	99.92%	879	891
<b>Iyonke</b>	<b>19 726</b>	<b>(872)</b>	<b>18 854</b>	<b>18 806</b>	<b>48</b>	<b>99.75%</b>	<b>14 184</b>	<b>14 105</b>

Uhlelo lwento eqingqiweyo	2003/04					2002/03		
	Ukubeka okuhlangahl-engisi wevo	Exulwe kwenye	Ulwabiwo lokugqibela	Eyona nkcitho	Uqoqosho (ugqithiso)	Inkcitho ngokwe % yolwabiwo oluhlaziweyo	Ulwabiwo oluhlaziweyo	Eyona nkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000		R'000	R'000
Abasebenzi	12 572	(1 017)	11 555	11 512	43	99.63%	9 676	9 642
Ulawulo	2 890	236	3 126	3 125	1	99.97%	2 207	2 189
Okuselugcinweni	872	165	1 037	1 036	1	99.90%	563	545
Izixhobo zokusebenza linkonzo zobungcali nezizodwa	1 452	125	1 577	1 575	2	99.87%	1 041	1 030
neziqondiso	1 498	(286)	1 212	1 211	1	99.92%	595	597
Ezinye izinto Imisebenzi eyodwa	442	(353)	89	89	0	100.00%	102	102
	0	258	258	258	0	100.00%	0	0
<b>Iyonke</b>	<b>19 726</b>	<b>(872)</b>	<b>18 854</b>	<b>18 806</b>	<b>48</b>	<b>99.75%</b>	<b>14 184</b>	<b>14 105</b>

